Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## 2022

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha angama-27.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | INoveli/UncwadiLwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA)

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com

7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela imibuzo ekwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Ukwenziwa Komkhonzi' | Umbuzo osisincoko sombongo | 10 | 6 |
| 2. 'Umyolelo wexhego' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Ingoma kaVelaphi' | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| 4. 'Ithemba' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**KUNYE**

**Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5. 'Umtshayelo' | Umbuzo omfutshane | 10 | 11 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 12 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 12 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |

**OKANYE**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 19 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 19 |

**ICANDELO C: IDRAMA**
**Phendula umbuzo OMNYE.**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com



## ITSHEKHLISTI

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI (✓) |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6-13 | 1 | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |
| **QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane. | | | |

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe**

Lalingathi limnyam'izulu kukhumezela
Ndijonge elundeni ndalibona libomvu,
Kuthontsiza igazi, umkhondo woxhathiso
Ibuzisa ikhaya umzi wenkululeko,
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Ime bhuxe kudinwa kungekho luvelwano,
Yasitsho esikrakra isalilo ibhonga.
Kunyenyiswe kancinci ukuba iphefumle
Kwabuya kwaqiniswa ibulawa umoya
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Ndiyibone mva seyaqobozeka, yathamba
Itsal'umbaxa-mbini wekhuba etshoniswe
Waphelela ikhonza, ikhefuzela igcuma.
Ukufa kukuqhutywa, impilo kuzenzela
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Ndiyibone inyuka iminqantsa, yomendo
Ithwele imithwalo enzima ixelenga,
Iludaka kubila ingenisela omnye.
Incasa yomsebenzi yinxaxheba kuvuno
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Ndiyibon' ilambile ngaphantsi kwaloo mbuso
Iliso iinyembezi umxhel'ujacekile,
Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna.
Ithemba yimigudu ezond'inkululeko
Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
Kwinkatyana yedyokhwe.

Cazulula isigama esityhila umxholo wengcinezelo ngokwesitanza ngasinye sesi sicatshulwa sombongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMYOLELO WEXHEGO – C Nqakula**

Maze ululame, nyana wam, ke ngoko,
Emva kwexesha uya kusibona isiqhamo soko;
Abantu baya kuzivula iintliziyo zabo kuwe,
Bakuphakamisele phezulu ungaze uwe.

Umntu omkhulu nomncinci naye, mbeke;
**Oswele izambatho kambe, maleke**.
Ucango lwendlu yakho maze ungaluvali;
Uncede mihla le kodwa ungabali.

'Z' ungemi ezimbobeni ubethe imilozi;
'Z' ungabiyongcuka iqwengayo, ungabi lulo nokhozi.
Nyana wam, 'zubengumkhonzi onyanisekileyo.
Ohlakaniphileyo, othobileyo, intsika ethembekileyo.

2.1 Xela iziqhamo zibeziBINI zokululama ngokwesitanza soku-1. (2)

2.2 Chaza umahluko kwindlela owakheke ngayo umqolo wesi-3 nowesi-4. (2)

2.3 Nika intsingiselo yomqolo obhalwe ngqindilili ngokomxholo ongumyolelo wexhego. (2)

2.4 Caphula imiqolo ibeMIBINI engqina ukuba ixhego lixhalabile kwisitanza sokugqibela. (2)

2.5 Xhasa ukuba esi sicatshulwa sombongo siqulethe umyalezo oyalayo. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe**

Ndiyeza ndiyeza, sithandwa sam,
Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo,
Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
Lwelizwe lobawo.

O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
Iinduli kwanamathambeka elizwe,
Elimpangalala; siphuma ingqina,
Siland' ekhondweni lexhama
Kwilizwe lobawo.

Ezants' emgodini, sithandwa sam,
Lingabonakali nelanga nezulu,
**Ndiyeva ingoma yomxhelo, iphuma**
**Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa**,
Kwilizwe lobawo

Ndiyeza ndiyeza, sithandwa sam,
Ungandilileli. Wupheze loo mhobe
Wosizi uhlab' intliziyo. Ndiyazi
Olwakho uthando lolwami kuphela,
Kwilizwe lobawo.

3.1 Xela izinto zibeMBINI azingxameleyo uVelaphi kuhambo lwakhe ngokwesitanza soku-1. (2)

3.2 Chaza umahluko kwindlela owakheke ngayo umqolo wesi-4 nowesi-5. (2)

3.3 Nika intsingiselo yemiqolo ebhalwe ngqindilili ngokomxholo ongefuthe lemithetho yocalucalulo. (2)

3.4 Caphula umqolo ongqina ukuba uVelaphi uxhalabile kwisitanza sokugqibela. (2)

3.5 Xhasa ukuba esi sicatshulwa sombongo siqulethe umyalezo wopolitiko. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ITHEMBA – SEK Mqhayi**

Singakwenza n'ukulima,
Sikuyeke ukulila,
Singayifuya n'imfuyo,
Xa ithemba lingekhoyo!

Singaluthatha n' uhambo,
Singabondla n' abantwana,
Sibasusa kuSathana?

**Wakufelwa nangowakho**
**Ife intliziyo yakho**;
Ulil'uzenzakalise-
Nomphefumlo uwufise.

4.1 Xela iziphumo zokuba nethemba zibeziBINI ngokwesitanza soku-1. (2)

4.2 Chaza umahluko kwindlela owakheke ngayo umqolo wesi-8 nowe-9. (2)

4.3 Nika intsingiselo yemiqolo ebhalwe ngqindilili ngokomxholo wethemba kulo mbongo. (2)

4.4 Caphula imiqolo ibeMIBINI engqina ukuba imbongi ixhalabile kwisitanza sokugqibela. (2)

4.5 Xhasa ukuba esi sicatshulwa sombongo siqulethe umyalezo oyalayo. (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

## UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UMTSHAYELO – N Mdekazi no T Kabanyane**

Masiyibulel' inkunkuma kusini na?
Hayi, masidomboz' uSokwazi konke,
Usiph' izandla soluk' umsonto.
Bubom obo bukaNtu ukuzenzela,
Angaphil' isicuk' edl' igazi labanye.

Inkunkuma yenz' irhasha libhinqe,
Khu, okomfaz' ebhinq' isikhakha,
Ugcin'ikhaya licocekile,
Njengomtshakaz' efik' emzini.
Ungadel' umqul' ungabalisisanga.

Loo micingana iyadeleka,
Yakwahlukana, omny'uzimele nkqo,
Okweminwe yesandl' ibuthathak' iyodwa,
Yakudibana yimbumba yamanyama,
Yenz' izinto zamehl 'idibene.

Ubuchule bengqondo yomntu,
Ukudibanisa loo micingana,
Ukuz' isebenz' iqhumis' uthuli,
Ityhalelwa ngaphandl' okomsholog' inkunkuma,
Kusal' ucoceko, yimpilo leyo yomXhosa.

Osebenziley' umtshayel' uyabonakala,
Emva kwexesh' uba sisijungqu,
Okwamaziny' exheg' atsheqekileyo,
Ubuhle bawo buphele nya,
Wakutshayela uyashiyelel' okwevila.

5.1 Nika igalelo likaSokwazi kubukho bomtshayelo ngokwesitanza soku-1. (2)

5.2 Caphula izifaniso zibe ziBINI apho imbongi ifanisa umtshayelo nomendi kwisitanza sesi-2. (2)

5.3 Cacisa ifuthe lokumanyana kwemicinga yomtshayelo kumsebenzi wawo ngokwesitanza sesi-3. (2)

5.4 Caphula umqolo ongqina uburharha bembongi kwisitanza sokugqibela. (2)

5.5 Nika imfundiso yalo mbongo. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezintathu noNcwadi Lwemveli.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo okanye kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE nakuNcwadi Lwemveli, ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli). KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

### UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Ngqina ukuba uMfuneko uyalingcolisa igama lesipolisa kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Wayeqhawuke kubini apha emzimbeni, isinqe esi sihamba sodwa. Wayehamba dlamkileyo ngalo lonke ixesha, umzimba wakhe umvumela.

Njengenenekazi lala maxesha wayekwakuxhalele ukuba nomzimba odilikayo. Nangona wayenesiqu esihle ngolu hlobo, wayengonwabanga, esithi ngekungcono ukuba ebenaye umntwana wasemzini nokuba ngumnqongo. Kaloku esi siqwana sakhe sasisisithuko ebantwini bomzi wakhe.

'Mfuneko, ndingxamile ndaye bendingazi ukuba ndingadibana nomntu ofana nawe apha,' watsho evula ucango uThantaswa, wabe uMfuneko naye exwesela ngakweyakhe imoto. 'Kulungile *maan* Thanti. Siza kumana ukubonana ngolu hlobo.' Ukususela ngale mini uMfuneko watsho wakukhuthalela ukuya kuthamba. Kaloku wayemana ukutsibisa inyanga yonke.

Wayesithi ukuba ufike uThantaswa sel'elapho koomatshini ayokuzigqithisa phambi kwakhe, ambulise encumile, avume naye ekwancumile uThantaswa.

Downloaded from Stanmorephysics.com


Nasekuphumeni wayemlinda, bancokole nje ezelizwe emva koko bahlukane. Ikhona kodwa yona imini uMfuneko awazibona sel'ethetha into engqalileyo apha kuThantaswa. Babemi ngasemotweni kaThantaswa.

'Thanti, kudala indidla ngaphakathi le nto ndiza kuyithetha apha kuwe.' Wathi akutsho uMfuneko, wabethelwa luvalo uThantaswa, ezibuza ukuba uya kuthini na ngoku uMfuneko ukufuna ukuvusa ubuhlobo babo bakudala kodwa etshatile.

'Yihlanze ke ndiyibone,' watsho ngokuzithemba uThantaswa. Wathintitha uMfuneko egunyelwe luvalo.

'Thanti, okokoko ndidibene nawe, ayikho into ebhadlileyo esele ndiyithethile kuwe.'

7.1 Zahluka njani iimeko apho uThantaswa ambiza 'Mfuneko' ngazo ugxa wakhe nezo ambiza 'Mfuno' kuzo? (2)

7.2 Izisa ntsingiselo ni intetho kaMfuneko ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

7.3 Chaza ukuba ukufa kukaChizama kumhlanganisa njani uMfuneko nolwaphulomthetho. (2)

7.4 Ngeengongoma eziNTATHU landa ukuba ukungabi namntwana kukaThantaswa emzini kuyiphembelele njani impixano ekweli bali. (3)

7.5 Nika isizathu sokuba ibali liqala ngokusweleka kukaMsindisi. (2)

7.6 Xela ixesha ezimbalini eliqhubeke ngalo eli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.7 Ingaba babunyanisekile ubuhlobo bukaMfuneko noThantaswa emva kokuhlangana kwabo kwisicatshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA B**

UMapheza waphinda wayicingisisa le nto yeli phupha lakhe endleleni:

'Kudala ndiphupha ndingcwatywa, ikhaya nezalamane zilila ngokungazenzisiyo kodwa yonke loo nto sukuba iliphupha nje egameni lokuba umntu ephupha nokuba yintoni na kakade xa elele. Neli ke liyafana namanye, akukho nto liyishobayo.' Ephethwe zezi ngcinga nje uMapheza, uMfuneko wayemcingela ububi kanye ngaloo ntsasa kowabo.

'Imini ekade ndiyilindele ngamehlo abomvu ifikile. Ukuba kuya ngentetho yexhwele lam, siya kulala namhlanje uMfezeko **sele ewadlulile amafu**. Kufuneka ndingawulibali laa mgutyana belindinike wona ukuze uNqoza awugalele ekutyeni kwakhe. Kuya kufuneka uNqoza ambeke ecaleni kwakhe lo mfana. Waqhwanyaza nje xa kutyiwayo uMfezeko, uya kuqabuka sekobandayo.'

Ukugqiba kwakhe ukulungisa waphuma wabekela esikhululweni sabo naye uMfuneko. Kwathi kwakufika wonke umntu ngaphandle koMapheza, waqala ukuxhalaba. Bathe bakumlinda ixesha elide, waphelelwa ngumonde wawa emnxebeni**.** Ikhale uMfezeko sel'engena esangweni lesikhululo, wabe uMfuneko sele emcima unomyayi wakhe engekaphenduli omnye. Eyona nto iphambili wayefuna ukumazi ukuba uyahamba na ukuze athumele uNqoza ayokumcengela phaya kowabo ukuba uthi akaphumeleli. Umgutyana wakhe wayesel'ewunyengezele uNqoza owayesithi impimpi iza kulala ibabonile ooyisemkhulu ngaloo mini.

Yaqhuba kakuhle inkonzo yomngcwabo kaHlomlani. Waya kubekwa kwikhaya lakhe lokugqibela ngentsimbi yeshumi elinambini.

7.8 Ngqina ukuba uMfuneko wayengamthandi uMapheza ngokwesi sicatshulwa. (2)

7.9 Tyhila umfanekiso ntelekelelo odalwa libinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

7.10 Xela ukuba uMapheza wayeyimpimpi ngenene na ngokolwazi lwakho lwebali. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.11 Xhasa ukuba uMfezeko ulilandele igama lakhe ngokwakule noveli. (2)

7.12 Ngqina ukuba le noveli iphumelele ukudlulisa umyalezo wokuba kukhona ukungcolelana kwabantu emisebenzini. (2)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Ngqina ukuba le noveli iyakukhuthaza ukusabela ubizo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA C**

Ngalo lonke elo xesha uwanamathisele amehlo kuMangaliso akawasusi ngokunga uthi, 'Nditsho kuwe mfanandini wasemaKwayini.'

Ndiyabona kwakuse kusele kancinci ukuba angalikhuphi litsole litsho. Isithukuthezi samehlo omfundisi uMaqoma nabafundi samtsho waqubuda wajonga phantsi uMangaliso ezama-zamana nengqondo ebhekisa ezantsi ukucinga. Zamthatha iingcinga zambhekisa emva ebuntwaneni bakhe eyintwana encinci yeqaba mhla waqala ukubona umfundisi enqanda abantwana besikolo besilwa, etsalwa sisinxibo sakhe nalelo lizwi lalithetha ngokuzola lintama uxolo; wawakhumbula amazwi awawathethayo emondele, 'Nam ndakuba mdala ndiya kuba nje ngalo mntu.'

Ithe yakumfikela le nkumbulo wanga angaphakama ayokuzinikela kodwa kwabuya kwala, wafikelwa ziingcinga ezininzi yankulu intlanganiso engena engqondweni yakhe. Enye yeengcinga ezamthintelayo ukuba angaphakami yaba yeyokuba le nto ubufundisi asinto ifuna ukuba umntu avele ayihle nje phezulu, kufuneka umntu abe ubiziwe kuqala. Njengamntu wayeneliso elibukhali ekuziqapheleni izinto wayelubonile uninzi lwabefundisi lungquleka lusiwa bambi besenza izinto ezimasikizi bengabefundisi, oko kukuthi amagama akumthandazo weNkosi athi, 'Maliphathwe ngobungcwele igama lakho,' ayengaphumeleli kuninzi lwabefundisi awayebabonile uMangaliso. 'Kungani na oku?' Lo ngumbuzo abesakuzibuza wona xa esiva, ebona abefundisi abangaziphethe kakuhle.

'Kungenxa yokugagamela ubufundisi lungekho ubizo,' ibisakutsho impendulo yakhe.

'Luyintoni na ubizo olu? Ubizwa njani na umntu?'

9.1 Zahluka njani iimeko apho abantu bambiza 'Tholelegqwirha' lo mlinganiswa nezo bambiza 'Mangaliso' kule noveli. (2)

9.2 Lizisa ntsingiselo ni ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa? (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.3 Chaza ukuba intshumayelo kaMaqoma imhlanganise njani uThole nobufundisi. (2)

9.4 Ngeengongoma eziNTATHU chaza ukuba ukungakwazi kukaThole ukuzithathela izigqibo kuyiqhubele phambili njani impixano kweli bali. (3)

9.5 Nika isizathu sokuba le noveli yenze uThole aqale enze iimpazamo eselula phambi kokubangumfundisi. (2)

9.6 Xela ixesha ezimbalini eliqhubeka ngayo eli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.7 Ingaba lwabakho utshintsho awalwenzayo uMangaliso eGeorge Goch? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

'Hayi mntwan'am ndiphilile ngaphandle nje kwentloko esuke yee ngqezu, neli phupha ke,' watsho ukuphendula umntu omkhulu. Ungene kwenye indlu uThozama waphuma ephethe iipilisi namanzi walinika esithi. 'Khawuginye nazi iipilisi ke bawo, mhlawumbi intloko yoba ngcono esingaziyo sesi sephupha isifo ukuba sonyangwa ngani na sona. Kodwa ke mna ndikucebisa ukuba ungasoloko ucinga ngalo yiyo le nto likukhathazayo. Umntu uphupha le nto soloko eyicinga,' wamcebisa watsho uThozama esoyika nokumbuza ngeli phupha kuba leli lisuka limbangele iinyembezi. Wazithatha waziginya iipilisi engalisusi iliso kuMangaliso.
'Kowu! Mntwan'am intshumayelo yakho ngethemba indiphilisile, itsho ndanethemba endingalaziyo elalise laphela kudala. Undibona ndisaphilile nje mfo wam kungenxa yethemba. Ukuba bekungenjalo ithemba ngeba kudala labola ungelo kum ngenxa yesehlo esandihlelayo': zaphinda **zee waxa iinyembezi**.
'Uxolo kaloku bawo, kahle ngeenyembezi, uza kuphazamisa incoko yethu', watsho uMangaliso enqanda ezi nyembezi.
'Uthi ke bawo wehlelwa sisehlo? Bendisamamele.'
'Masiyiyeke mfundisi le ncoko iyandenzakalisa.'
'Ubawo lo ke siza kuthi ngubani? Engumni isiduko? Liphi lona ikhaya emva ngoko kwakusagodukwa?' wabuza watsho uMangaliso eyilahla eyesehlo esehlela umntu omkhulu incoko.
'Igama lam nekhaya ke mfo wam asinto ndakha ndayixelela mntu oko ndafika kweli Rhawuti ngaphandle kwesiduko.'

9.8 Ngqina ukuba uMangaliso notata uMkwayi abazani ngokwesi sicatshulwa. (2)

9.9 Tyhila umfanekiso ntelekelelo webinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

9.10 Xela ukuba wazichaza na ukuba ngumni waphi utata uMkwayi ngokolwazi lwakho lwebali. Xhasa impendulo yakho. (2)

9.11 Xhasa ukuba uMangaliso ulilandele igama lakhe ngokwale noveli. (2)

9.12 Ngqina ukuba le noveli iphumelele ukudlulisa umyalezo wokuba imfundo ayigugelwa. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Ngqina ukuba uFriday uyalingcolisa igama labalweli benkululeko kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA E

> 'Phofu ndikwazi ungekavuli mlomo ukuba usesikhulu isibhanxa, esi sitya ubulongo. Yintoni ongayenza ungenamali? Ulihlwempu. Ufuna ukufa ulihlwempu? Uyihlo ulihlwempu**,** into aqhayisele ngayo zeziya nkomo zimbini zigula sisifo sephepha. Ukufundise ngokungqiba. Nawe ufuna ukuphila ubomi bokungqiba. Kutheni le nto usisidenge kangaka, wakugqiba ukufunda Kafile?'
>
> Iindlebe zam kwakungasekho nto ziyiphulaphuleyo ngoku, zigcwele umoya. Ndaziva sendithe, 'ukuba nifuna ukundibulala nixelise laa mfo nimbulele phezolo, yenzani njalo. Le niyithethayo yona into, yilibaleni, soze.'
>
> 'Ucinga oku kooKafile kanye mfo wam, usisitunxa. Akuziboni zona ezinye iiBhantu ezingooMthunzima nooNkebe, ziziinkokheli ngoku, zinemali, ziphethe, akufuni ukufana nazo?' Ndathula ndavala phezulu, basuka bahleka abafo basemzini ngokungathi akwenzekanga nto. Ndithe ndisavuthelene imixhadana le okwerhamba ngumsindo, zathi gwiqi ezi zinto zabuya nocango, ndeva xa enye isithi kwenye: 'Ngowethu lo, musa ukuzihlupha nokuzihlupha oku,' kwalandela intsini eyayikhatshwa kukubihlizela kweembukuxa zesisu. Ndagqushalaza ngumsindo, ndisenziwa ubukhulu kukubona indlela eyayisenziwa ncinane ngayo ingqondo yam ngaba bafo. Emva kwethuba wehla umsindo, ndatsho ndaqaphela ukuba litshonile ilanga kwathi qatha nento yokuba andikhange ndise nto emlonyeni okokoko. Athi kanti amathumbu ndiwakhumbuzile, akrwela ukuvuma ingoma yephango. Ndithe ndakungawahoyi aphinda agcwalisa ngumoya.

11.1 Nika umahluko kwimpatho kaMfazwe ngabantu bakwaQaka ekuqaleni kwebali nasekupheleni kwalo. (2)

11.2 Izisa ntsingiselo ni intetho yegwangqa ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (2)

11.3 Chaza ukuba ukukhwela kukaMfazwe kwinqwelo negwangqa kumhlanganise njani nokubukulwa kwaQaka. (2)

11.4 Ngeengongoma eziNTATHU landa ukuba ukubonwa kukaMfazwe nguFriday ekhwele negwangqa kuyiqhubele njani impixano ekweli bali. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.5 Nika isizathu sokuba ibali liqala ngoMfazwe etyholwa ngobumpimpi kwaQaka. (2)

11.6 Xela ixesha ezimbalini eliqhubeke ngalo eli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.7 Ingaba yaba khona into ebonisa ubukrelekrele kuMfazwe ngokwale noveli? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

> Ndingakhange ndicinge nokucinga, hlasi okaSikhotsholo ngoko nangoko ndajolisa, ndatsala, **wabhodla ugqugquza** into engenasiphelo, khithatha khithatha amakhwenkwana. Ndithe ndakungaboni ntshukumo ndayeka ukudubula, ndema ndajonga kweliya cala ebevela ngakulo. Kwakuxa laa nja umthendevu isaya kuthi sithe ngaphaya kwetyholo kanye kulaa ndawo inokuba amakhwenkwe ayencathame kuyo.
>
> Ndenze yamibini yamithathu ndileqisa. Ndithe ndisiya kufika etyholweni kwabe kungasashukumi nengca ebinyathele kuyo. Ibaleke yayaphi? Izazi yodwa. Ndajika ndayakudlula kweziya zidumbu zamakhwenkwana. Ayelingana ncibitshinalawa ebedutyulwe emini. Ndithe hlasi umpu wamnye. Ndabuva ubushusu bawo esandleni, kwakungona ndizibonayo ukuba ndiyangcangcazela, wasuka umzimbalo wam wonke wanenkantsi, ndagqithela kumfo omfutshane ndishiya izidumbu ezine ziqungquluzile. Oku kudubula kulolu hlobo kanti bubujoni? Lo mbuzo zange ube namphenduli, kwakho nje into ethi kum, bekufanele kufe wena okanye bona. Ingaba nam sendiqala na madoda ukuba ngumbulali?
>
> Ndifike umfo omfutshane embinambineka oku komntu otsheqwa sisisu segazi. Ndimi ixesha elide phezu kwakhe ndikhohlwe yinto emandiyenze. Kanene lo mfo edibene noSikhotsholo lo ebezimisele ukundicima igama. Kungenzeka ntoni ukuba ndinokumcima igama kube kanye? Kulaa makhwenkwana ndisuke ndatsala, wabhodla umpu, enye into yasuka yazenzekela. Nalapha kuye ndingenza njalo. Umfo omkhulu ibe ngathi uyayibona into endiyicingayo.

11.8 Ngqina ukuba uMfazwe noSikhotsholo babengavani ngokwesi sicatshulwa. (2)

11.9 Tyhila umfanekiso ntelekelelo odalwa libinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

11.10 Xela ukuba wamkeleka na uMfazwe kubantu baseMthontsi ngokolwazi lwakho lwebali. Xhasa impendulo yakho. (2)

11.11 Xhasa ukuba uMfazwe ulilandele igama lakhe ngokwale noveli. (2)

11.12 Ngqina ukuba le noveli iphumelele ukudlulisa umyalezo wokuba abantu abalwa ingcinezelo mabafunde ukuthembana kwabodwa. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UNCWADI LWEMVELI

### UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Ngqina ukuba uNongqawuse ulingcolisile igama lakhe kwintsomi ethi 'ukuthetha uNongqawuse', kanti imbongi iyaliphakamisa igama likaNolizwe kwisibongo 'Ukumkanikazi uNolizwe Sandile'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**INTSOMI KANOMAZA NEGONGQONGQO**

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kwakukho amantombazana amabini uNomaza noNozihlwele. Minazana ithile bathunywa ukuba baye kurhela ingca phezu komlambo okufutshane nehlathi elishinyeneyo elalisaziwa ngokubanezigebenga ezibalasele ngoburhalarhume. Bayalelwa ukuba ze bangahlali babuye sekusihlwa kuba le ndawo baya kuyo ikufutshane neli hlathi. Zalungisa umphako ezi ntombi kuba uhambo oluya kule ndawo lwaluza kubalude. Bahamba nabanye balapho ekuhlaleni konwatyiwe kuhanjwa kuqhalwa umphako. Bahamba bahamba bada baya kufika. Barhela imini yonke bada bagqiba, bagoduka ilanga sele lisiya kunina.

Uthe uNomaza sele ephiphiphi wakhumbula ukuba ulibele irhengqe kanina ngemva kwaye wayeqonononondisiwe ngunina ukuba angayilibali. Wacela abahlobo bakhe ukuba bamkhaphe aye kulanda irhengqe kanina kwaza akwabikho namnye ovumayo kuba besithi selitshona ilanga kwaye bebexelelwe ukuba bangahlali kude kube mnyama. <u>Wafa namthanyana</u> uNomaza waza wanyanzeleka ukuba ajike ukuya kukhangela le rhengqe. Kwakukude ngasemva kwaye kusele kuthande ukuba mnyama. Ukhangele wakhangela wade wancama waske weva ngento imthi xhakamfu. Kuthe kanti lelinye lamagongqongqo ale ndawo. Kuthe kanti belisaye kuzingela ngoku ke libuyile kuba kuhlwile. Limbuzile ngelo lizwi likhulu kwaye loyikekayo lisithi, 'Ubekwa yintoni kulo mhlaba?' Uphendule uNomaza engcangcazelisa ilizwi, '**Be-be-besize** kurhela ingca ndaza ndalibala irhengqe kamama.' 'Owu! Nina nirhela ingca emhlabeni wam. Inene ndiza kunibonisa amaqhekeza engqele', latsho lamfaka engxoweni linomsindo.

Wakhala ekhabalaza ecela uxolo akwanceda nto waza walithembisa ngokuliculela. Laphendula ngelizwi elikhulu lathi makacule. Uvume wenjenje uNomaza;

Ndandiye kurhela ingca noNozihlwele
Ndaza ndalibala irhengqe kamama
Kwelo hlathi lishinyeneyo
Ndizicelile iitshomi zindikhaphe
Akwabikho namnye ovumayo

Downloaded from Stanmorephysics.com


Lawuthanda lo mculo eli gongqongqo lamana libetha apha engxoweni lisithi makaphinde acule. Wenjenjalo uNomaza ngaphandle kwamathandabuzo kuba wayesekeleze ukukhululwa kule ntlungu. Lahamba lahamba igongqongqo noNomaza limthe tyu-u-u-u egxeni limana libetha kule ngxowa limxelela ukuba makacule.
Lihambe lahamba ladibana nesiqhu samakhwenkwe sisoja umbona, lacela lithembisa ngokuwakhalisela uhadi ukuba anokulipha umbona. Avumile amakhwenkwe kuba nawo ebenomdla kulo mculo aza kuwumamela. Labetha engxoweni yalo lwakhala uhadi.
Ndandiye kurhela ingca noNozihlwele
Ndaza ndalibala irhengqe kamama
Kwelo hlathi lishinyeneyo
Ndizicelile iitshomi zindikhaphe
Akwabikho namnye ovumayo
Liphinde lathathisa igongqongqo nohambo lwalo lisamthe tyu-u egxeni uNomaza. Lithe xa liphiphiphi laphinda ladibana nesinye isiqhu samakhwenkwe sidlala ibhola. Kwathi kanti kwesi siqhu kukho neyakuloNomaza. Athi la makhwenkwe xa efuna ukubaleka lathi makangabaleki liza kuwabethela ugaga lomntu omkhulu. Ngokwenene ema amakhwenkwe kuba ayenomdla wokumamela olu gaga lomntu omkhulu. Laphinda labetha engxoweni laza laqalisa uhadi ukucula.

13.1 Nika umahluko kuvakalelo lukaNomaza ngexesha esasuka ekhaya nasemva kokuhlangana negongqongqo. (2)

13.2 Sizisa ntsingiselo ni isaci esikrwelelwe umgca ngaphantsi kule ntsomi? (2)

13.3 Chaza ukuba irhengqe imhlanganisa njani uNomaza negongqongqo. (2)

13.4 Ngezehlo eziTHATHU landa ukungcungcutheka kukaNomaza ukusukela ukukhumbula kwakhe irhengqe kude kube sekupheleni kwentsomi. (3)

13.5 Nika isizathu sokuba le ntsomi iqala ngokuba anikwe umyalelo wokuba angabuyi sekuhlwile. (2)

13.6 Chaza umfanekiso ntelekelelo odalwa libinzana elibhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa. (2)

13.7 Ngqina ukuba umbalisi uphumelele ukudlulisa umyalezo wokuba zibi iziphumo zokutyeshela umyalelo. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ISICATSHULWA H

**NGURHULUMENTE WETHU LO!**

Vi-i-i-tyo-o-o!
Ebeqale ayintoni na amashumi eminyaka ejele,
Kumawakawawaka eminyaka yengcinezelo?
Nditsho kuwe mlisela nomthinjana woMzantsi-Afrika
Nditsho kuni ziphatha-mandla zeli lizwe
Kudala ndinifundis'indlela yokuphath'isizwe
Into ilele kuni ngoku, mna andinatyala ndinikhulule.
Yhini na ukuba nibonakale neentsana zoMzantsi-Afrika uphela?
Ndiyisusil'ingcinezelo nocalucalulo lomnt'omnyama komnyama
Yekan' ukucinezelana nodwa, nodwa, nodwa!
Yhini na ukuba ningazigqogqi **ezi ndletyana zenu?**
Nindive nindiphulaphule xa ndisithi ke,
*Even if I die, I will wake up from my grave and come and vote*
NguRhulumente wethu ke lowo!
Mandisithe-e-e-le!

13.8 Chaza umsebenzi wegama u 'Vi-i-i-tyo' kwesi sibongo? (2)

13.9 Xela ukuba umbuzo buciko okumqolo wesi-2 nowesi-3 uxhokonxa izazela zoobani ngokomqolo wesi-4 nowesi-5. (2)

13.10 Nika ixesha ezimbalini elisekwe kulo isibongo esingentla. Xhasa impendulo yakho. (2)

13.11 Chaza umoya wembongi, uxhase ngesigama esikwisibongo. (2)

13.12 Ingaba ijolise koobani imbongi ngebinzana elibhalwe ngqindilili kumqolo we-11? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo we-14 ukuya kumbuzo we-17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Bonisa ukuba iimpazamo zabazali zibeneziqhamo ezibi kulo mdlalo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UZWENI: | Kutheni madoda **nawenza ibhola lo mbuzo** walo mfana yona ithi yakufika komnye ikhatywe igqithiselwe komnye. Lo mbuzo ufuna u 'Ewe' no 'Hayi', awufuni ngxoxo wuphenduleni. |
| UMTHETHO: | Xa uwuqonda into oyifunayo kaloku Rhadebe wuphendule, nango. |
| UGUGULETHU: | O-o-o, hayi wuyekeni akukho nto xa ningafuni kuwuphendula, kuba eneneni wona awunzima ufuna nje ukuba nindazise ukuba ndiye na engozini nokuba ndingayi. Bawo uNyaniso, ukuphendula lowa mbuzo wakho, uthi, ndingaba ndinampikiso na? Elam lithi kudala ndiphika ngoku akukho nto ndophinda ndiyithethe. Kuyo yonke into efuna mna kulo mcimbi, mna andinalizwi, ithi impendulo yam, 'Buzani kubawo'. |
| UZWILAKHE: | Ke mawethu masidibane kwakhona ngoMgqibelo ozayo sikhuphe abantu bayokucelela umfana intombi kwaMcothama. Wena mfana zama ukudibana nentombi phakathi kule veki iza kuvulelwa. |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| NYANISO: | Livakele mawethu masisesisima ngeenyawo, limkile ilanga. *(Bayaphuma)* |
| UGUGULETHU: | *(UGugulethu usala ethetha yedwa endlwini. Uyazula uphatha kuya kungqubeka emnyango abuye aphindele entla.)* Limkile ilanga, ngenene akuxokwa, limkile ilanga kushiyeke amathunzi odwa kuwe Bomindini. Kushiyeke amnyama wona amathunzi akukho themba lakuthi loza liphinde liphume ilanga. Ndilihleli eli phakade kum ilulonwabo lodwa, kodwa namhla bujikile obo bomi buncasa injengencindi yobusi baba krakra ngokwencindi yekhala. Ndikubukele na Bomindini ndibuhleliyo bangaphambili? |

15.1 Nika isizathu sokuba uZweni awubize ibhola umbuzo womfana. (2)

15.2 Caphula isigama esibonakalisa intshukumo yabalinganiswa kwesi sicatshulwa. (1)

15.3 Cacisa amazwi kaGugulethu angezantsi ngokwale drama.

'… kodwa namhla bujikile obo bomi buncasa injengencindi yobusi baba krakra ngokwencindi yekhala.' (3)

15.4 Ingaba le drama yintlekele okanye yintlekele siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

15.5 Nika injongo yokuba uGugulethu athethe yedwa kwesi sicatshulwa. (1)

15.6 Nika isiganeko esaba sisiphumo sokutshatiswa ngenkani kukaGugulethu. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| UMANYAWUZA: | Hayi phofu akukho kuthini kunyanzelekile ukuba simphande, nto nje ndinoloyiko kuba sindothusile isikhalo asenze izolo. |
| ULANGENI: | Khawuhambe uye kumvusa simbuze. Utheni kakade engasavuki nje. Uyazi ukuba zisukela eyethoba ngoku? Hayi khawuhambe uye kumvusa. |
| UMANYAWUZA: | Kulungile makhe ndiye. (*Uyaya afike engekho*). Yhini na yise kaNomaMpondomise! Lo mntwana akakho phaya entangeni, nomnyango wendlu uvuliwe; kwaye akuqondakali nokuba ukhe walala kwa ukulala ndakuphosa iliso, kuba umandlalo ngathi usandlalwe okokoko kwayizolo. |
| ULANGENI: | Awu uthini na ngoku MaNyawuza? |
| UMANYAWUZA: | Ndifung'aMaMpondo! Yiza uze kuzibonela ngokwakho. *(Bayahamba bayokukhangela)* |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| ULANGENI: | Ngaba lo mntwana uye phi, phofu impahla ikho yonke nje, abe uye enxibe ntoni kulo ndawo? Inene izimanga ziyashiyana. Angathini umntanam ukusuke adanduluke atsho ngesimbonono sesikhalo, zesithi sisajonge leyo kuse engekho? Izimanga zale Ngcolosi! |
| UMANYAWUZA: | Hayi Jola makube usatshone esapha. |
| ULANGENI: | Hayi Nyawuza akakho apha, umoya wam uyandixelela loo nto. |
| UMANYAWUZA: | Kowu kazi uyokutshona kwesikabani na umntwanam? (*Ethwal'izandla entloko*) Jola wethu nceda uye kuxela edolophini kukhutshwe amapolisa afune. Kazi ukuba akazibulelanga na? |
| ULANGENI: | Ee-e-e suka MaNyawuza yintoni le uyicingayo? |
| UMANYAWUZA: | Ndingathini Jola ukungacingi njalo kwesaa sililo ebesenza? (*ULangeni uyakubika kuTSOLO afike kukho ipolisa*) |
| IPOLISA: | Bhota Mnumzana Langeni! Ukholisile ufike. |
| ULANGENI: | Mhlekazi! |
| IPOLISA: | Ndingakwenzela ni nkosi yam? |

15.7 Libe nafuthe lini iphephandaba ekukhaleni kukaNomaMpondomise athetha ngako uManyawuza kwisicatshulwa? (2)

15.8 Chaza izenzo ezibonakalise ukuba uGugulethu noyise bayiqonde ngokwahlukileyo incoko yokuba uGugulethu mdala makafune umfazi. (2)

15.9 Nika izihlandlo eziTHATHU apho uGugulethu asebenzise intetha ethi, 'Buzani kuBawo'. (3)

15.10 Chaza ukuba ukunyhashwa kothando kuyiqhubele phambili njani impixano kule drama. (2)

15.11 Ngqina ngale drama ukuba awujoliswanga kwisini esithile umyalezo othi akusosisombululo ukuthatha ubomi xa unengxaki. (2)

15.12 Nika icebiso onokulinika ulutsha olusexabisweni lokutshata uthathela kokuqhubeke kule drama. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA*** **– M Lamati**

Bonisa ukuba iimpazamo kwiinzame zokuzikhupha endlaleni zibe neziqhamo ezibi kulo mdlalo.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL' INAMANYALA*** **– M Lamati**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zilandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | Ndahle ndakubona kwa ukuphuma kwakho kula ofisi kaMaqhikizane ukuba **uwile kulaa ngcuka**. |
| SIPHOKAZI: | Ungandiphambaneli mna. |
| SIQHIWU: | Kodwa uya kuzililela, ndiya kuxelela. USirhezu umntwan' abantu, uzigobha amacala esithi unomfazi, kanti uthetha ngento ehamba inqwala, nditsho nalapha ezilwanyaneni ezingooMaqhikizane. |
| SIPHOKAZI: | Ukhathazwa yintoni kaloku xa ndingazukulilela wena Siqhiwu? |
| SIQHIWU: | Hayi undidanisile kodwa Siphokazi bendikuthembile. |
| SIPHOKAZI: | Umntu akathenjwa mfo kaSihlwele. Ubokuthemba ilitye kunomntu. |
| SIQHIWU: | UMaqhikizane yena siza kumbamba nangaphandle kwakho. Sowude uthi ndenza inkohlakalo nje, kungokuba ibubulungisa obu benziwa nguMaqhikizane bokurhwaphiliza iimali zabantu abahamba nzima? |
| SIPHOKAZI: | Andinaxesha laloo mfeketho wethu mna. |
| SIQHIWU: | Nantsi into emandikulumkise kuyo: Ungakhe uyicinge nokuyicinga eyokuba uza kulumkisa la myeni wakho. Ukuba nje sikhe safika selendwebile, siyakwazi ukuba nguwe omlumkisileyo. Endaweni yakhe kuya kuvalelwa wena. Ndikunika nje le mini yanamhlanje ukuba utshintshe ingqondo. Ukuba uthe wabuyela ezingqondweni, uya kundifumana ndingqengqile phaya ekhaya. Ukuba awuyitshintshanga ke namhlanje, uze ungabi sayitshintsha. Sala sidenge! (*Aphume*) |
| SIPHOKAZI: | Hamba silumko! Eyi! Wandihlabanisela ke ngoku uSiqhiwu lo. Watsho kanye kule nto bendiyicinga yokuba ndiza kuya kumlumkisa uMaqhikizane lo. Kutheni ingathi ayizi kulunga nje ngoku le nto? Andinqweneli kubanjwa kaloku noko. <u>Xa ndingenakho ukumlumkisa ingathi kuya kubangcono ndijoyine uSiqhiwu lo</u>. Kwekhu! Yhini madoda ukuphoswa yimali engaka kweli xhego! |

17.1 Nika isizathu sokuba uSiqhiwu ambize ngengcuka uMaqhikizane. (2)

17.2 Caphula isigama esixela intshukumo yabalinganiswa kwesi sicatshulwa. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.3 Cacisa amazwi kaSiphokazi angezantsi ngokwale drama.

' … Ubokuthemba ilitye kunomntu.' (3)

17.4 Ingaba le drama yintlekele okanye yintlekele- siyoliso? Xhasa impendulo yakho. (3)

17.5 Nika injongo yokuba uSiphokazi athethe yedwa kwesi sicatshulwa. (1)

17.6 Nika isiganeko esisisiphumo sengxoxo ekwisicatshulwa. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

*(Kungorhatya, ezilalini. Kungena uSiqhiwu noMamQhinebe kwaMamQhinebe. UMamQhinebe uyapheka. USiqhiwu ufunda iphepha.)*

| | |
|---|---|
| SIQHIWU: | (*Efunda iphepha*) Yaza yabuhlungu ke le nto yehlele aba bantu bakwafrosi, Yhini madoda! |
| MAMQHINEBE: | Kutheni na Siqhiwu? Ushiywa ziingqondo ngoku, wathetha wedwa? |
| SIQHIWU: | Hayi, akukho kwangqondo zindishiyayo mama, koko nje ndothuswa yile nto ibhalwe kweli phepha. |
| MAMQHINEBE: | Khawufunde wethu nam ndive le nto ikothusa kangangokuba kude kucace ukuba uza kushiywa ziingqondo. |
| SIQHIWU: | Yima ke ndikufundele. Utshw' endodeni. (*Efunda.*) EMTATA. (KwaDosi) 'Usapho lwakwaMagade lwehlelwe sisombadlakanya somphanga wokubelwa usana obelukukuphela komntwana walo. Ethetha eyengezelisa, uNkosikazi Noziphongo Magade uthe, olu sana beluvekinye kuphela luzelwe. Uqhube wathi, kumtshato wakhe nomyeni wakhe, uMnu Makwedini Magade, bebeqala ukufumana umntwana emva kweminyaka eli-20 betshatile. Eyona nto ayithethe yabuhlungu nangaphezulu uNksk. Magade, yeyokuba oogqirha, ngethuba lokubeleka kwakhe olu sana lubiweyo, bamxelela ukuba akasayi kuze aphinde ambone umntwana ku …' |
| MAMQHINEBE: | *(Ngomsindo)* Siqhiwu! |
| SIQHIWU: | (*Othukile*) Mama! |
| MAMQHINEBE: | Phuma nelo phetshana lakho limdakanyana kule yam indlu! Phuma! |
| SIQHIWU: | Awu! Kutheni na mama? |
| MAMQHINEBE: | Ndithe phuma nelo phetshanyana lakho! Kunjalo nje andifuni nokuphinda ndilibone apha kwam! |
| SIQHIWU: | (*Aphume, ehamba ethetha yedwa*) Siyandimangalisa ke esi senzo sikamama namhlanje. Yintoni bethu le imcaphukisileyo kweli nqaku? |

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.7 Libe nafuthe lini iphephandaba ekubeni nomsindo kukaMamQhinebe kwesi sicatshulwa? (2)

17.8 Chaza umahluko kwindlela akubona ngayo ukunyoba uMamQhinebe noSiqhiwu kule drama. (2)

17.9 Nika izihlandlo eziTHATHU apho kusetyenziswe intetha ethi, 'Indlal' inamanyala'. (3)

17.10 Chaza ukuba indlala iyiqhubele phambili njani impixano kule drama. (2)

17.11 Ngqina ngale drama ukuba awujoliswanga kwisini esithile umyalezo othi ulwaphulomthetho alusosisombululo kwiingxaki zakho. (2)

17.12 Nika icebiso onokulinika kubantu abakwiimeko zendlala uthathela kokuqhubeke kule drama. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**2022**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-23.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-22 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:
Umxholo wengcinezelo kulo mbongo ubonakala ngesigama esityhila impathombi, imiqondiso yobubi nobunzima, ukunikezela kwabacinezelekileyo, ukukhalaza, ulangazelelo olunzulu lwenkululeko, ukungcungcutheka, nembulaleko engenanzuzo kwabacinezekileyo sibe esinye isigama sibonakalisa umcinezeli ephatha umcinezelwa ngogonyamelo.

**Kwisitanza soku-1**

- Ubumnyama bezulu nokukhumezela ngumqondiso wobubi nobunzima abaphantsi kwabo obutyhilwa sisifaniso esidala umfanekiso ngqondweni weliso obonisa isimo esingesihle sezulu nesichaza ububi neenzame ezinzima zokuchasana nengcinezelo
- Kubonakala amasikizi kobukele impathombi yabantu etyhilwa lilunda elophayo nokuthontsiza kwegazi kwiinzame abantu abaphantsi kwengcinezelo abazenzayo zokuxhathisa kwingcinezelo ukuze bazuze inkululeko.
- Ulangazelelo olunzulu lwenkululeko oluqulethwe sisigama, ‘ibuzisa ikhaya umzi wenkululeko’ bubungqina bokungayonwabeli impatho phantsi kwesandla sengcinezelo.

**Kwisitanza sesi-2**

- Esi sitanza sibabaza impathombi esukela ekubeni abacinezelwayo bekhalaza okanye bevakalisa ukungathandi ngempatho abaphantsi kwayo. Isigama esithi, ‘ime bhuxe’, yatsho esikrakra ... ibhonga’ sityhila ukuzithethela okanye ukukhalima kwalowo ucinezelekileyo. Ngeliphandle abacinezelwa abayolelwanga yile mpatho.
- Ukunyenyiswa kancinci, kubuye kuqiniswe, ibulawe umoya kubhekiswa kumaqhinga asetyenziswa ngabacinezeli ukuze umcinezelwa avale umlomo angathethi ngempatho. Sisigama esityhila ukungcungcuthekiswa kwabantu kungekho bani unosizi kwizikhalo ezihlabayo ezivakalayo ngakumbi iziphathamandla ezingenalusini.

**Kwisitanza sesi-3**

- Esi sitanza sibeka elubala imeko apho umcinezelwa anikezelayo. Iindlela anikezela ngazo zityhilwa sisigama , ‘seyaqobozeka, yathamba’ apho kucaca ukuba phakathi kwamaqhinga asetyenziswayo kukho nawokuba umcinezelwa

Downloaded from Stanmorephysics.com

amanye ewavuma ukuba aluncedo engaqondi usacinezelwe. Kutyhila ukuba uyaqhathwa aboniswe ukulunga kwempatho afakwa phantsi kwayo ukuze asebenze nzima ecinga ukuba uyazinceda.

- Ukhetho-magama **'ikhefuzela igcuma'**-sisigama esidala umfanekiso ngqondweni wendlebe obonisa ukudinwa nokuphelelwa ngamandla, kodwa exhinile ngethemba lokunyamezela umvambo ade azuze inkululeko.

**Kwisitanza sesi-4**

- Esi sitanza siqaqambisa iimbulaleko neenkxwaleko zokuxelengela inyama ukuze umcinezelwa akwazi ukubeka isonka etafileni kanti akabileli yena ubilela oongxowankulu.
- Kuqaqamba kwelinye icala ukuba ngeli xesha umsebenzi asebenza nzima kuthe kanti akasebenzeli yena, ubilela umntu odla ukubila kwakhe engenzanga nto. Ubungqina obukumbongo sisigama '**Iludaka kubila ingenisela omnye'** esidala umfanekiso ngqondweni weliso otyhila ukusebenza nzima komntu omnyama engazuxhamla nokuxhamla kwingeniso ayenzayo. Uyatsho ukuba kuthi ukuze kube mnandi ukusebenza ube uyayazi into oza kuyifumana encumisayo ngokusebenza kwakho. Kuvela ukuba oongxowankulu isivuno abathi sesabo sisisiqhamo somsebenzi obilelwe ngabacinezelekileyo. Usebenza nzima enikwa imisebenzi emthoba isidima kodwa ingeniso neziqhamo ezizizo zifunyanwa okanye zibalelwa kwiziphathamandla ezingamadlagusha yena ashiyeke elikhoboka elingenanto.

**Kwisitanza sesi-5**

- Kwakhona indlala nobuhlwempu ziyagquba kumcinezelwa emva kwayo yonke loo mbulaleko nokusebenza nzima phantsi kombuso wabacinezeli.
- Isitanza 5 sityhila intlungu- ngesigama "**Iliso iinyembezi umxhel'ujacekile"** esidala **-**umfanekiso ngqondweni weliso obonisa ukuba ocinezelweyo akasakwazi ukunyamezela ngenxa yokukhathazeka emphefumlweni,
- Isigama '**Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna'** sityhila ukuphelelwa ngamandla kukukhotyozwa, umcinezelwa ephelelwa nasisidima, engenanto kananjalo nokukhalaza kungasancedi ushiyeke kuphela nemizamo kunye nethemba elingapheliyo.
- Isigama '… **elizond'inkululeko**' sityhila ubukho bethemba elizondeleleyo lokuzuza inkululeko. **[10]**

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

### 'UMYOLELO WEXHEGO' – C Nqakula

2.1 Kukuthandwa ngenene ngabantu. √/ Kukuhlonitshwa ngabantu.√/Kukuzivula iintliziyo zabo√/ Kukumphakamisela phezulu angaze awe.√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

2.2 Umqolo wesi-3 wakhiwe ngamagama amathandathu kanti umqolo wesi-4 wakhiwe ngamagama amane.√√ (2)

2.3 Ngokomxholo walo mbongo ongomyolelo wexhego le miqolo inentsingiselo ethi bancede abantu abasokolayo okanye abangathathi ntweni.√√ (2)

2.4 ‘’Z’ ungemi ezimbobeni ubethe imilozi.’’√/ ‘’Z’ ungabiyongcuka iqwengayo.’’√/ ‘Ungabilulo nokhozi.’’√/Zube ngumkhonzi onyanisekileyo. √
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

2.5 Ndiyaxhasa kuba ixhego liyala unyana walo ngezinto amakazenze nemakangazenzi ukuze aphumelele ebomini. √√
(Nawuphi na umqolo oyalayo wamkelekile) (2)
**[10]**

## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

### 'INGOMA KAVELAPHI' – JJR Jolobe

3.1 Kukubona isithandwa sakhe√/ inkosikazi√/ kukubuyela kwilizwe lakhe lokuzalwa. √
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

3.2 Umqolo wesi-4 wakhiwe ngamagama amane kanti umqolo wesi-5 wakhiwe ngamagama amabini.√√ (2)

3.3 Ngokomxholo walo mbongo ongefuthe lemithetho yocalucalulo, le miqolo inentsingiselo yeenkumbulo zelizwi lenkosikazi ekhumbula umyeni wayo nanjengokuba kwakungavumelekanga ukuba abafazi baye emigodini kubayeni. √√ (2)

3.4 “Ungandilileli. Wupheze loo mhobe.”√√ (2)

3.5 Ndiyaxhasa kuba umbongo ukhalazela isenzo samadlagusha sokunyanzela ukuba abantu abangootata bamakhaya bangahambi okanye bahlale neentsapho zabo kwilizwe lentsebenzo ngexesha lengcinezelo eMzantsi Afrika.√√/ Kuba umbongo ukhalazela unyanzelo lwabantu abangamadoda lokuba baye kusebenza emigodini beshiya iintsapho zabo ngasemva.√√
(Nayiphi na kwezi) (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'ITHEMBA' – S.E.K Mqhayi**

4.1 Zezokuba ungalima√/ ungalili√ ungafuya√
(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

4.2 Umqolo wesi-8 wakhiwe ngamagama amabini kanti umqolo we-9 wakhiwe ngamagama amathathu.√√ (2)

4.3 Ngokomxholo walo mbongo ongethemba le miqolo inentsingiselo ethi xa ungenathemba kuthi kwakufa umntu wakho kufe neyakho intliziyo.√√/ Umntu uthi akudibana neengxaki okanye amanzithinzithi obomi anikezele angasiboni isizathu sokuphila. √√ (2)

4.4 "Ulil'uzenzakalise-"√ " Nomphefumlo uwufise."√ (2)

4.5 Ndiyaxhasa kuba umyalezo walo mbongo uyala uluntu ukuba lube nethemba ukuze lukwazi ukuphila.√√ (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UMTSHAYELO-N Mdekazi/ T Kabanyane**

5.1 USokwazi unike abantu izandla zokuzenzela umtshayelo.√√ (2)

5.2 "…okomfaz'ebhinq'isikhaka."√/ "… njengomtshakazi' efik' emzini."√ (2)

5.3 Lelokuba imicinga yomtshayelo yakumanyana isebenza ngcono.√√/ Ukumanyana kwayo imicinga kuwenza uphelele umtshayelo.√√ (2)

5.4 "Emva kwexesh'uba sisijungqu."√√/ "Okwamaziny'exheg'atsheqekileyo."√√/ "Wakutshayela uyashiyelel' okwevila."√√
(Nayiphi na kwezi) (2)

5.5 Umtshayelo ubalulekile ingakumbi xa imicinga yawo isebenzisana.√√/ Kubalulekile ukusebenzisana.√√/Umtshayelo omtsha ucoca ngcono kunomdala.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

**UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba uMfuneko uyalingcolisa igama lesipolisa ngolu hlobo lulandelayo:

- Izenzo ezibi zikaMfuneko ezingahambelani nomsebenzi awuqeshelweyo wokugcina ucwangco nokumela umthetho kule noveli ziyalingcolisa igama lesipolisa kuba abantu ababona uMfuneko babona ummeli womthetho zibe izenzo zingangqini.
- Ukubandakanyeka ekukhuseleni uNompumelelo ngokuthengisa ityala lokubulawa kukaChizama ongumyeni wakhe sisenzo esimtyhila njengepolisa elaphula umthetho.
- Ukuba imipu yesipolisa ayithengisele abahlali bajike benze ulwaphulomthetho ngayo, amele ukuba uyalulwa nako kuyaphikisana nomthetho kutsho kungcoliseke indlela amapolisa abonwa ngayo luluntu.
- Xa uMfuneko ethenga ooSixaki ukuba babulale uMsindisi ongumyeni kaThantaswa ngeenjongo zokuba badle kunye ilifa ubonakalisa ukudela umthetho abekelwa ukuwukhusela.
- Iinzame zikaMfuneko zokuba kubulawe uMapheza ophanda ityala lokugetyengwa kukaMsindisi eziquka ukutyisa uMapheza ityhefu, ukubeka uNqoza abe ngukhala kwimizamo kaMapheza yokuphanda, ukumfunela ixhwele lokumtshisa ngovutha nokusasaza ubuxoki bokuba uMapheza yimpimpi zibubungqina bokuba ulipolisa elizenzo zihlabana nomthetho. Ezi zenzo ziqhutywa ngumona ziyabonwa ngabantu ekuhlaleni ngako oko ubonwa njengepolisa elaphula umthetho kutsho kurhuqeke isidima sesipolisa phantsi.
- Ukuxhasa uThantaswa kumayelenqe okufumana ilifa likaMsindisi ngondlela mnyama kungqina mhlophe ukuba ulilo ipolisa eliqhubela phambili ulwaphulomthetho.
- Ubukho bukaMfuneko kwilinge lokuba kubhatalwe uMdlambila oligqwetha ukuze atshintshe okubhalwe kwiwili kaMsindisi ukuze uThantaswa ibe nguye ofumana ilifa hayi uPhumlani obhalwe kuyo kubonakalisa amava okwaphula umthetho. Ukubhaqwa nguMkhokeli kumveza njengepolisa elisebenza ngokunxamnye nomthetho angqineke ukuba uyalihlazisa igama lamapolisa.
- Izenzo zakhe ezigwenxa ezibangele ukunqunyanyiswa kwakhe emsebenzini noNqoza ngaphandle komvuzo zingqina ukusengela phantsi igama lesipolisa. **[25]**

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

7.1 Zahluka ngovakalelo analo umbiza Mfuneko xa ethetha naye njengoyise womntwana angamondliyo ze ambize Mfuno xa efuna ukumsebenzisela ukufumana imali.√√ / Umbiza Mfuneko kwiimeko abangavaniyo kuzo naxa esengxakini aze ambize Mfuno xa bonwabileyo okanye beseluthandweni.√√ (2)

7.2 Izisa intsingiselo yokuba kudala imkhathaza enqwenela ukuyithetha into emhluphayo.√√ (2)

7.3 Kumhlanganisa ngokuthi uMfuneko ibe nguye odukisa idokethi kuphando ngokufa kukaChizama.√√ (2)

7.4 UMsindisi ufune isithembu.√/ uThantaswa uthatha isigqibo sokuba uMsindisi makafe.√/ Umthetho ungenelele.√
(Naziphi na iingongoma ezintathu ezichanekileyo) (3)

7.5 Ibali liqala ngokusweleka kukaMsindisi kuba ibali lolwaphulomthetho liqala ngesehlo esiza kuba ngunobangela wophando.√√/ kuba impixano kwinoveli yolwaphulomthetho yakhelwa kwisenzo solwaphulomthetho esehlileyo.√√ (2)

7.6 Lixesha lokhanyo√/ kuba kuhanjwa ngeenqwelomafutha√/ kusetyenziswa imipu√/ amapolisa amnyama angabaphathi kwinkonzo yesipolisa√ abalinganiswa ooSiziwe nooThantaswa zizifundiswa.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.7 Babunganyanisekanga ubuhlobo bukaThantaswa noMfuneko kuba babuxhomekeke kwinzuzo yemali kaMsindisi ngokokude uThantaswa akhethe ukuba bafe xa imali bengazi kuyizuza.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.8 Ndiyangqina wayengamthandi kuba ngokwesicatshulwa uMfuneko ufunele uMapheza ityhefu ngeenjongo zokuba imbulale.√√/ kuba uvuyela ukufa kukaMfezeko.√√ (2)

7.9 Ngumfanekiso ntelekelelo womntu osithelayo.√√ (2)

7.10 Wayengeyompimpi koko wayetyatyekwa nguMfuneko ngobumpimpi kuba ethengisa ngaye.√√ (2)

7.11 Ndiyaxhasa uMfezeko ulilandele igama lakhe kuba uliphande ngokufezekileyo ityala lokubulawa kukaMsindisi.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.12 Ndiyangqina iphumelele kuba ibonise uMfuneko esebenzisa uNqoza kububi ngeenjongo zokuziphindezela kuMapheza.√√/ kuba ibonise uNqoza okwalipolisa egalelela uMapheza ityhefu ngeenjongo zokuba afe√√/ kuba uMfuneko uvezwe esenza amayelenqe amaninzi okubulala uMapheza.√√/ kuba uMfuneko olipolisa ebesasaza ubuxoki bokuba amanye amapolisa aziimpimpi kodwa inguye obewampimpa.√√
(Nayiphi na impendulo kwezi) (2)
**[25]**

**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba le noveli iyakukhuthaza ukusabela ubizo. Le noveli ikukhuthaza ukusabela ubizo ngokuthi uThole obiziweyo lumgubhulule ubizo naxa sele elahleka kwiindlela zobomi behlabathi ade ancame alwamkele. Le noveli isebenzisa abefundisi abathe bamxhasa uThole obiziweyo bamqeqesha wade waqaqamba elubizweni. Izehlo ezikubomi bukaThole bale noveli ezingqinayo zichakwe ngezantsi.

- Le noveli ikubonisa ukukhuthaza ubizo lobufundisi ngokuthi imane imsindisa kwiingozi umlinganiswa obiziweyo, xa ethe wathandaza, wavuselela nesifungo sakhe sokuba ngumfundisi. Uthi akwamkela ubufundisi agqame, kuphele zonke iingxaki awayekhe wanazo ngaphambili, kulunge konke ade afumane nomzali wakhe owalahlekayo.
- UThole ungumzekelo womlinganiswa okule noveli othe ethathe isigqibo sokuba ngumfundisi eseyinkwenkwana, lwaze ubizo lwamane lumnqwanqwada ngesazela esimane simkhwebula xa ebemana ukunxaxha engaqondi kwindlela yobizo lobufundisi kodwa wade wangumfundisi ngenene.
- Ukukhuthazwa kobizo kubonakala xa enxaxha engaqondi ngokuphuma ecaleni kwinjongo yobufundisi, asele utywala, ehamba neetshomi, lamkhwebula ibali ngesazela esibonakele ngokuthi bungamonwabisi utywala, abhomboloze endaweni yokuba bumonwabise. Kwakhona inoveli le ilukhuthaza ubizo lobufundisi ngokuthi yenze uThemba, ongumhlobo kaThole, abenokholo lwamanxila, ashumayele kude kuvuseleleke ubizo lobuKrestu olungaphakathi kuThole.
- Ukukhuthazwa kobizo kubonakala mhla uThole aya kuloNomsa aze azibone elandela umfo wakwaSigxabhayi ngelizwi awayelishumayela elilumkisayo angazange aliqonde wade wadlula isango lakuloNomsa, kanti lubizo lumkhwebela kulo.
- Ukukhuthazeka kubizo lwakhe kubonakala ekubeni angabi nakuzola uThole ngale mini yale ntshumayelo kwanokuzinga kwelizwi lomfo wakwaSigxabhayi, elifana nelikaThemba mhla ngotywala, elithi, ‘Unako na ukuhamba emalahleni ungatshi’.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- EBhayi, ebumnandini bokuthandana noNomsa, obulibazisa ubizo lobufundisi, ubethwa ngooJoe atsho akhumbule ukwenza izifungo nezibhambathiso zokulandela iNkosi xa inokumsindisa.
  Xa iNkosi imsindisa kule ngxaki kutsho kubonakale amandla obizo lobufundisi ekumkhuseleni imlondoloze ukuze ade alwamkele ubizo.

- Ukuze kuqondakale ukuba ubizo kulilizwi elinamandla ngaphakathi emntwini, ubizo luyamkhuthaza onophawu lwenkosi ukuba alusabele ubizo lwakhe. Le noveli yenza uThole onobizo asinde yedwa kwiingonyama ezaziqwenga abahlobo bakhe kwihlathi laseKnysna wasindiswa ziincwadi zakwaLizwi awayeziphiwe nguThozama ekuthe kanti uhamba nazo.
- Luyamfuna ubizo sele abazali bencamile ukuba angafunda, bembonisa ngokuthatha umfazi ngelithi kuye elokufunda liphelelwe, makathathe umfazi, suka eme kwilizwi lokuya esikolweni kube kanti oko kumfaka kwizandla zikamfundisi uMaqoma ophuhlise ubizo olukuye
- Inkxaso ayifumana kuThozama esesikolweni ibonisa ukuba xa usendleleni yobizo awuxakwa nto kuba isuka yalekwe ngenkxaso yokufundiswa kwasisikolo eso.
- Ukufumana kukaThole inkxasomali kwisifundisi nokusiwa phesheya bubungqina bokukhuthazelwa kubizo lobufundisi kuba isifundisi ngokwaso sima mantsantsa ngomntu waso ukuze angabuyi mva endleleni yakhe yobizo.
- Ukwamkela kukaThole ubizo esidlangalaleni kubonisa ukuba ubufundisi awubufumani ngokubufundela kuphela koko kufuneka ude uzinikezele ngaphaya kweencwadi ozifundileyo.
- Imisebenzi kaThole yokuguqula abantu esikolweni ngeentshumayelo zakhe ephanda, ezixhobisa ngolwazi kolu bizo, ekhuthaza iindibano zeemvaba ezahlukileyo oko kudiza ukuba ukusabela ubizo lobufundisi kubalulekile kunokusebenzela ibandla okanye imvaba ethile.
- Ukumela ubufundisi ngokukuko eGeorge Goch, ukuze ide iGeorge Goch ibonakale iyindawo eyixabisayo inkonzo, de kubekho umfundisi ohlalayo ibonisa ukuba kufuneka umfundisi obiziweyo ukuze kutshintshe isimo sabantu. Inkxaso ayizuza kuluntu lwalapho eGeorge Goch ingqina ukuba le noveli iyalukhuthaza ubizo lobufundisi.
- Ukuthatha kwakhe uyise angambuzi mvelaphi kubonisa, ukuba uThole ungumfundisi ongengomntu nje koko ngumfundisi onoxolo. Ubukho bukaMangaliso, nanjengoko ebesele esebenzisa eli gama, bubonakala bulivumba elimnandi kuluntu lonke ngokuthi ngabufundisi bakhe abe ngowahlukileyo, ulangazelelo abanalo abantu kuye eAirport, efika esibhedlele, abantu bagilane, atsho aqaqambe umfundisi oye kubufundisi ngobizo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Zahluka ngokutshintsha kweemeko zobomi bakhe, ubizwa Tholelegqwirha xa liqala ibali kuba ligama alithiywa akube ezelwe ngunina owayetyholwa ngobugqwirha,aze abizwe Mangaliso ngenxa yokugqwesa ezifundweni nakwiintshumayelo zakhe.√√ (2)

9.2 Lizisa intsingiselo yokuba ingqondo kaThole yayithatha ibeka ezibuza imibuzo angenampendulo yayo.√√/ Wayecinga kakhulu.√√ (2)

9.3 Imhlanganise ngokuthi ngexesha emamele intshumayelo kamfundisi uMaqoma azikise ukucinga, watsho wathatha isigqibo sokufundela ubufundisi.√√ (2)

9.4 Ukusela utywala akununuswa nguThemba kudala impixano yangaphakathi etyhilwa kukubhomboloza.√/ Uya eKnysna engaqondanga kudaleke impixano yangaphakathi kwixhala lokungazi apho aya khona. √/ Ubukela abahlobo bakhe beqwengwa ziingonyama eKnysna kuze kudaleke impixano yangaphakathi ngenxa yexhala lokuqwengwa ziingonyama √/Akuthatha isigqibo sokuba lixhwele esiqhutywe yindlala uba nempixano yangaphakathi ebonakala ngokuthi azingwe ngamaphupha. √
(Naziphi na iingongoma ezintathu ezichanekileyo) (3)

9.5 Sesokuba kwibali leqhawe kuqala amahlandinyuka aza kubangunobangela wokuba atshintshe umlinganiswa aze ethubeni aye etshintsha ngokutshintsha esiya empumelelweni.√√ (2)

9.6 Lixesha lokhanyo√ kuba kufundiwe√/ kukho izikolo√/ kuhanjwa ngeemoto nangeenqwelomoya.√
(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo) (2)

9.7 Lwabakhona utshintsho awalwenzayo uMangaliso eGeorge Goch kuba phambi kokufika kwakhe abantu babengayithandi inkonzo, abefundisi bengagqobhozeli waze wathi akufika bavuseleleka, babaninzi abaguqukayo nabathatha inxaxheba enkonzweni.√√ (2)

9.8 Ndiyangqina kuba uMangaliso umbuza igama lakhe, isiduko sakhe kunye nekhaya lakhe.√√ (2)

9.9 Umfanekiso ntelekelelo weenyembezi eziphuma kakhulu zingalawuleki.√√ (2)

9.10 Wazichaza kuba ngokwebali wazazisa ukuba unguMkwayi wayitsho nentsukaphi yakhe equka ukutshipha kwakhe eRhawutini.√√ (2)

9.11 Ulilandele igama lakhe uMangaliso kuba wathi engumntwana weqaba elijongelwe phantsi, ohamba neetshomi wade wamdala suka wenza imimangaliso waphindela esikolweni wafunda wade wayityekeza.√√ (2)

9.12 Ndiyangqina iphumelele kuba imbonise uMangaliso ebuyela esikolweni sele emdala wafunda wangumfundisi abazali sebencamile.√√ (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

**_UKHOZI OLUMAPHIKO_ – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba uFriday uyalingcolisa igama labalweli benkululeko kule noveli. UFriday uyalingcolisa igama labalweli benkululeko ngezenzo, iingcinga neentetha ezithe gqolo zichasana neenjongo zabalweli benkululeko.

- UFriday uqala ngokuzibandakanya nabalweli benkululeko kanti akanamqolo ujika athengise ngabalweli benkululeko avume ukubangungcothoza akurhaliselwa ngenqatha. Libala elibi elo kubalweli benkululeko kuba akukho lula ukubathemba abantu abange bayapolitika kanti bayathengisa.
- UFriday ubonakalisa ukuchasana neenjongo zabalweli benkululeko kuba usebenzisana namapolisa. Abalweli benkululeko abasebenzisani namapolisa balwa namapolisa. Ngaphezulu ngokolwimi lwabalweli benkululeko, othe wasebenzisana namapolisa ubizwa ngokuba uyimpimpi. Ngokungalindelekanga kubalweli benkululeko, usuka adyobhe uMfazwe olwela inkululeko ngobumpimpi ukuze angafunwa mntu, kungabikho uhambisana naye kuba ebizwe njengempimpi. Esi senzo siyalingcolisa igama labalweli benkululeko ngakumbi xa eqhiphuka ayokuba yimpimpi. Lithi eli akathethi ngazwinye nabalweli benkululeko.
- UFriday ikwanguye othelekisa uMfazwe ongumlweli wenkululeko kunye nabantu bakwaQaka lade latshiswa ikhaya likaMfazwe phantsi kwegama lokuba uyimpimpi. Sisenzo esingalindelekanga esi sokuthengisa ngomnye wabo kwabo bazibiza njengabalweli benkululeko. Kuthetha ukuba abathembananga bengathembekanga kwabona.
- Sesinye sezenzo zikaFriday zokungcolisa igama labalweli benkululeko ukwenza iinzame zokutshisa nokubulala uMfazwe akuba ephumile etrongweni esahleli kwatata uGaba.
- UFriday uchukumisa kabuhlungu intliziyo kaMfazwe ngokuthana nca noNokuzola ngenjongo zokuvisa kabuhlungu uMfazwe ukuze aphele amandla awuyeke umlo azimanye nawo ojoliswe ekupheliseni ucalucalulo lwabamnyama.
- Ukho uFriday kwiqela lolutsha nabafundi kwintlangansio apho watyhola uMfazwe njengongcothoza wade wabethwa uMfazwe wancama wagoduka.
- Uphambili ekutshisweni kwendlu kaMfundisi uHlathi nge*petrol bomb* ezama ukuphelisa amahlathi kaMfazwe nanjengoko ubaw'uHlathi wayengumcebisi omkhulu kaMfazwe. Abalweli benkululeko abawatshisi amahlathi wokuzimela wabanye abalweli benkululeko. Kungeso sizathu ukuba uFriday kuthiwe noko igama labalweli benkululeko ulithengisa kakubi, ubenza abantu abangcolelanayo kanti nguye nje kuphela lo unesikhwasilima.
- Uyabandakanyeka ekubulaweni kwama*khomrade* awayesuka kwintlanganiso ekhwele *icressida* waze oko wakosulela kuMfazwe, kanti yena uMfazwe wayesondele kule *cressida* ngeenjongo zokunceda abantu ababhukuqa nayo.

(Nayiphi na impendulo yomfundi echanekileyo) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Waphathwa kakubi okwempimpi ekuqaleni kwebali kodwa esiphelweni salo wayehlonitshiwe eliqhawe.√√ (2)

11.2 Izisa intsingiselo yokuba bacinga ukuba bamfumene. √√/yokuba bambona ekwicala labo eza kuvuma lula ukubathuthela iindaba bengekaqalisi nokumcela.√√ (2)

11.3 Kumhlanganise ngokuba ekubonweni kwakhe nguFriday watsho wamtyhola ngobumpimpi waza wabukulwa luluntu lwakwaQaka.√√ (2)

11.4 Ngokutyholwa ngobumpimpi nguFriday uthelekiswe nabafundi besikolo iFunda.√/ Yakhula ingqumbo yabantu bakwaQaka kwatshiswa ikhaya lakhe.√/ Yanwenwela kulutsha olwambetha kwintlanganiso ebanjwe eholweni.√/ Yanyukela yamthelekisa nesithandwa sakhe uNokuzola.√/
Yaqaqamba akwamkelwa nzima kwindawo yaseMthontsi apho wabhacela khona.√
(Naziphi na iingongoma ezintathu ezichanekileyo) (3)

11.5 Sesokuba kwibali leqhawe lomzabalazo kuqala amahlandinyuka aza kubangunobangela wokuba sisigculelo kwakhe umlinganiswa aze ethubeni ayeke ukuba sisigculelo abe liqhawe.√√ (2)

11.6 Lixesha lokhanyo√ ooMfazwe bazizifundiswa/ kuba kukho iinkundla zamatyala. √/Ngamaxesha engcinezelo√ kuba kusekho amagwangqa abiza abantu abamnyama ngo'Kafile' no 'Bhantu'.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.7 Ikhona into ebonisayo kuba, indlela awaphumelela ngayo kuqhwesho ibonisa ubukrelekrele√√/Uthi akufika eMthontsi anikwe isikhundla sokukhathalela nokuqeqeshela emfundweni abafana √√/Ukufunda kwakhe ade abe yijaji.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

11.8 Ndiyangqina babengavani kuba uMfazwe naye utsho kwesi sicatshulwa ukuba bebejolise ukumcima igama naye watsho wafuna ukumcima igama uSikhotsholo.√√ (2)

11.9 Ngumfanekiso ntelekelelo wesandi sompu odubula uthulula iimbumbulu ungayeki.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.10 Wamkeleka kuba eMthontsi wenziwa umphathi wamakhwenkwe afikayo.√√ (2)

11.11 Ulilandele kuba ubomi bakhe bungamahlandinyuka kufuneka alwe nzima ukuze aphumelele.√√ (2)

11.12 Iphumelele kuba uFriday ekubeni enziwe akamthemba uMfazwe, uMfazwe usuke waphumelela waligqwetha elichophele ityala likaFriday.√√/ UMfazwe ekungamthembini kwakhe uNokuzola ngenxa kaFriday kumphosanise nokwazi ukuba unonyana okuNokuzola.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**UMBUZO 12: UMBUZO OMDE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa engqina ukuba uNongqawuse uyalihlazisa igama lakhe kule ntsomi.

- Ndiyangqina ukuba uyalihlazisa igama lakhe kwimbali ethi ukuthetha uNongqawuse.
- UNongqawuse yintombi kaMhlakaza walenza eli hlazo mhla kuphethe umalume wakhe uSarhili owathatha iintambo zokulawula kuHintsa.
- UHintsa wancanywa ngabeLungu ababefuna ukuhlutha umhlaba wamaGcaleka bathathe nemfuyo yawo waxolela ukulwela ukufa nokubanjwa esindisa umhlaba wamaXhosa,wakwenza ngempumelelo.
- Ukuthatha iintambo kukaSarhili kwabangela ukuba abeLungu bangapheli mandla. Babesenza zonke iinzame ezifana nokuqaphela okwenziwa ngamaXhosa ukuze basebenzise kona ukuhlutha umhlaba.Baqaphela intombi enguNongqawuse eyayisoloko isiya emlanjeni ifike ithethe khona nezinyanya.
- Bakukopa okwenzekayo bagqibela ngokuziqaba udaka bakhwela emthini ukuze xa uNongqawuse ethetha nezinyanya banikeze impendulo.Oku kunikezwa kwempendulo kubangela ukuba uNongqawuse azenze umprofetikazi nalapho kwabakho ukwahlulelana kwabantu kwakho abamkholelwayo kunye nabo bangamkholelwayo.
- Ukuqhathwa kwakhe ngabeLungu ababevathe iingubo ezimhlophe nawacinga ukuba uthetha nezinyanya ziphendule kwamenza ukuba akholeleke kuSarhili waza waphembelela ekubeni nabanye abantu bamkholelwe kwalithoba mpela igama lakhe.
- Ukucamagusha nokucula nokuxhentsa kwakhe kwabonakalisa ukukholelwa kwakhe kwizinyanya ngokugqithisileyo kumenze angaqapheli ukuba uyaqhathwa, waqiniseka ukuba uthetha nezinyanya.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Ukukholelwa kwakhe okwakuthethwa ngabeLungu (izinyanya) kwamdiza ukuba akanguye ncam umprofetikazi kuba kwakumele ukuba ube nomqaphela.
- Ukuhambisa kwakhe udaba lokuba kubulawe izinto ezikhoyo ukuze kuzuzeke ubutyebi obungaziwayo, nenkolelo yokuba abantu abasayi kulamba nakugula kwamdiza ukuba wayengengomprofeti ncam.
- Ukukholelwa nokuthabatheka kwenkosi ziziprofetho zikaNongqawuse kwamenzela izothe ebantwini kuba bashiyeka abantu besifa yindlala babe abeLungu bayangenelela.
- Ukubanjwa kwakhe ze azitshintshe igama ukuze angaziwa kwakubonisa ubutsotsi bakhe.

**UNolizwe**

- UNolizwe Sandile waliphakamisa igama lakhe kwesi sihobe njengekumkanikazi.
- Ukuphatha kwakhe kwazisa uvuyo eluntwini kuba ebonakala njengomkhuseli welizwe.
- Amazwi awayewasebenzisa athelekiswa nobusi, ambonakalisa njengomntu oneentetho ezakhayo nozolileyo xa ebhekisa kwisizwe.
- Igama lakhe laphakama kuba zonke ezi zenzo zakhe zihle zenzeka kungekho myeni osecaleni lakhe. Oko kwabonisa ukuzithemba nokungazoyikiseli kubukumkani bakhe.
- Umyalelo wembongi kwisitanza sokugqibela usibonisa ukuba ulithemba lesizwe makaqhubekeke esenza okuhle.
- Ezi zenzo zibonisa ukuba akazange aphakamise gama lakhe kuphela, waphakamisa nelooNyawuza nelesizwe ngokubanzi.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI SWANA MMI nabanye**

13.1 UNomaza wonwabile xa esuka ekhaya unxubile akuhlangana negongqongqo.√√ (2)

13.2 Sizisa intsingiselo yokuncama/yokuphelelwa lithemba/yokunikezela. √√ (2)

13.3 Imhlanganisa ngokuba irhengqe awayemqononondise ngayo unina uye wayilibala waza wanyanzeleka ukuba ayekuyilanda sekurhatyele,wahlangana negongqongqo.√√ (2)

13.4 Ukujika kwakhe sele eyedwa kuhlwile engakhatshwa ziitshomi kwihlathi lamagongqongqo.√/Ukuthiwa xhakamfu ligongqongqo afakwe engxoweni.√/ Ixhala lokuba uza kubulawa ligongqongqo.√/Ukwenziwa ukuba ahambe ecula kuzo zonke ezi ndawo lihamba kuzo igongqongqo.√
(Naziphi na izehlo ezithathu kwezi) (3)

13.5 Sesokuba kwiintsomi ezingokutyeshelwa komyalelo kuqalwa kunikezelwe umyalelo ze kubekho iziphumo ezibi nokuyaleka wakutyeshelwa umyalelo.√√ (2)

13.6 Ngumfanekiso ntelekelelo womntwana othintithayo esoyika.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.7 Uphumelele kuba isiphumo sikaNomaza sokutyeshela umyalelo sibe sesibi kuba wangcungcuthekiswa ligongqongqo.√√ (2)

13.8 Kukuhlaba ikhwelo.√√/ Kukucela iindlebe.√√ (2)

13.9 Uxhokonxa izazela zolutsha √ neziphathamandla.√ (2)

13.10 Lixesha lasemva kwenkululeko yoMzantsi Afrika√ kuba umbhobho osetyenziswa yimbongi ngokaMandela ophumileyo entolongweni.√/ kuba ngokolwimi lwesibongo isithethi siyisusile ingcinezelo nocalucalulo. √ (2)

13.11 Imbongi ikhathazekile kukucinezelana kwabaMnyama kwabodwa√ kuba kumqolo we-10 ithi abo ibhekisa kubo mabayeke ukucinezelana kwabodwa√/ Imbongi ikruqukile sisenzo sabantu sokucinezelana kwabodwa kuba isigama esithi ‘kudala’ singqina ukukruquka√/ xa ithi, ‘yhini ningazigqogqi’ ibonakala ikhathazeke kukuba bengathi abeva ebhekisa kubo.√
(Nayiphi impendulo exhasayo echanekileyo) (2)

13.12 Zijolise kubantu abatsha neziphathamandla√ kuba imbongi ibakhankanyile abantu ebhekisa kubo kumqolo wesi-4 nowesi-5.√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa ebonisa ukuba iimpazamo ezenziwe ngabazali kule drama zibeneziqhamo ezibi.

**Ezabazali bakaGugulethu:**

- UMaGaba, ongumama kaGugulethu wenze impazamo ngokuthandela uGugulethu uThobeka, ejonge ubufazi ngokulandela igama elinguThobeka, igazi lakhe eliphantsi bengacingi nokucinga ngothando aqamele ngalo uGugulethu kanti isiqhamo soko siya kukuba umntwana wabo uyakuba nomphefumlo odandathekileyo.
- Ukuqweqwedisa kukaZwilakhe amaHlubi ukuba uThobeka acelelwe uGugulethu kube nesiphumo sokuba uGugulethu azahlukanise nekhaya lakhe angafuni kuthetha athi makubuzwe kuyise nayiphi into.
- Impazamo yokutshatisa uThobeka noGugulethu ngebhaxa yenza ukuba uGugulethu azibophe isandla, aqatshelwe esidlangalaleni ukuba akahambisani yena nokutshatiswa ngenkani. Lo mtshato umenze ukuba uGugulethu alishiye ikhaya anxibe impahla yenzilo ngenxa yokukhathazeka.
- Impazamo yabazali yokumtshatisa ngenkani uGugulethu yenza balahlekelwe sisimilo sikaGugulethu, ahambe ayokusebenza eMthatha ebashiya nomfazi lowo bebembonele yena.
- Kwakhona, impazamo yokutshatiswa kukaGugulethu inesiphumo sokuba uGugulethu ufakwa kwiinkundla zamatyala nguNomaMpondomise.
- Isiphumo sokuba uGugulethu ehleli eMthatha engasagoduki, kukuthumela ooMthetho ukuba bamlande uGugulethu eMthatha. Akwala uGugulethu, uZwilakhe wenza enye impazamo ngokulandelisa uThobeka nabantwana basiwe kuGugulethu eMthatha. Zibazibi iziphumo kuba uGugulethu usuka ababulale bonke ngezembe. Ukubanjwa kukaGugulethu nokugwetywa kwakhe kukwasisiphumo sempazamo yabazali bakhe yokuthumelela uGugulethu abantwana angabaziyo. Isiphelo siba sibi kuba uMaGaba uphela ezityisa ityhefu, afe noZwilakhe sele efuna ukuba kugwetywe yena endaweni yonyana ezisola, ezohlwaya. Umthetho wona ubamba umntu obuleleyo uGugulethu awubanga nalusini kwisazela sakhe.

**Ezabazali bakaNomaMpondomise:**

- Abazali bakaNomaMpondomise uLangeni noManyawuza benze impazamo nabo yokwendisela intombi yabo kuMcunukelwa ekuthe kanti uNomaMpondomise, akamthandi kuba unaye umntu osenyongweni kuye. Isiphumo sale mpazamo sesokuba uNomaMpondomise uyazikhupha iinkomo zikaMcunukelwa kanti uza kuphoxeka.
- UNomaMpondomise uzeyelisela emlanjeni kuze oko kukhokelele ekufeni kukaManyawuza unina ngokusuka ayobe akuva ukuba uNomaMpondomise uzibulele.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Ezabazali bakaThobeka:**

- Abazali bakaThobeka nabo benza impazamo ngokunqwenela ukuba umntwana wabo atshatele emzini ohloniphekileyo nabawaziyo. Umnqweno ujika ube yincindi yekhala kuba zange akuxhamle ukuhlala nomyeni wakhe uGugulethu waze wabe ubulawa kwanguye.
- Abazali bakhe balahlekelwa ngumntwana wabo uThobeka nabazukulwana babo.

**Ezabazali bakaMcunukelwa:**

- Impazamo yabazali bakaMcunukelwa uQavile nabantakwabo benza impazamo yokuzekela unyana wabo ngokumxhasa esakufuna ukutshata nentombi ayithandayo phofu yona ingamthandi ingenalo nolwazi lokuba iyalotyolwa kuba yayingenabudlelwane noMcunukelwa nto leyo eyakhokelela ekukhutshweni kweenkomo zakhe.
  Uthando lwabazali kubantwana babo luye lwaneziqhamo ezibi nangona bona abazali bebeneenjongo ezintle ngabo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***BUZANI KUBAWO* – WT Tamsanqa**

15.1 Kungokuba aba bantu abawuphenduli umbuzo koko banikezelana ngawo oku kanye kwebhola xa kudlalwa.√√
(Makuvele ububhola bombuzo) (2)

15.2 'Bayaphuma' √/ '*uyazula uphatha kuya kungqubeka emnyango abuye aphindele entla'.* √
(Nayiphi na kwezi) (1)

15.3 Intetho ethi 'Ubomi obumnandi obujike bayincindi yekhala' isetyenziswa xa umntu ebekhe weva ubumnandi waze weva kabuhlungu.√ Kule drama uGugulethu ukhe wabuva ubumnandi ngexesha avunywa nguNomaMpondomise bayincindi yobusi ubomi ngolo hlobo.√ Uva ubukrakra obufana nencindi yekhala akube etshatiswe ngenkani noThobeka Mcothama ahlukane noNomaMpondomise.√ (3)

15.4 Yintlekele.√ kuba nanjengoko idrama eyintlekele inempalalo-gazi nokufa√, nale drama inyhikityha yokufa kooGugulethu, uThobeka nabantwana iyinika uphawu lwentlekele.√ (3)

15.5 Kukutyhila imbilini yakhe.√ (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.6 UMzamo ubulawa nguNimrod.√√/UNomaMpondomise umangalela uGugulethu ngokwaphula isithembiso.√√/ UGugulethu ushiya ikhaya lakhe.√√/ ukufa kukaMaGaba noMaNyawuza√√/ ukufa kukaThobeka nabantwana bakhe. √√
(Nasiphi na isiganeko esichanekileyo) (2)

15.7 Libenefuthe elibi ngokuthi liphalaze iindaba zokutshata kukaGugulethu ezamenza uNomaMpondomise waziva eshiywe enyanyeni. √√ (2)

15.8 UGugulethu uhambe wayofuna umfazi amthandayo, uNomaMpondomise, wabe uyise ehlanganisa amaHlubi ngenjongo yokucelela amaHlubi ubulawu kwaMcothama.√√ (2)

15.9 Ngemini amaHlubi ayequlunqa ukumcelela.√/ Ngoku axelela uMzamo ngokunyanzelwa kwakhe nguyise ngoThobeka.√/ Ngemini uGugulethu wayetshatiswa ngayo√/ enkundleni yamatyala.√/ Ngexesha ebeyolandwa ngoYisekazi eMthatha kuba engasagoduki.√ (3)

15.10 Ukunyhashwa kothando lukaGugulethu noNomaMpondomise kwenze ukuba kuphele intsebenziswano phakathi kukaGugulethu nabazali bakhe√√/ Kudale umsantsa phakathi kwamaHlubi ewodwa.√√/ uGugulethu watshikilela ikhaya lakhe.√√/ Ukunyhashwa kothando lukaGugulethu noNomaMpondomise kudale impixano yangaphakathi kuGugulethu. √√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.11 Ndiyangqina kuba abalinganiswa abazini zahlukileyo bangene kwiingxaki ezahlukileyo bakusombulula iingxaki ngokuthatha ubomi √√/ UGugulethu uthe akubulala wagwetywa.√√/ Ndiyangqina, kuba uNomaMpondomise akumncedanga ukuzibulala kudale enye ingxaki yokufa kukamama wakhe.√√ (2)

15.12 Ndingacebisa ukuba xa ulutsha lunengxaki nabazali maluthethathethane nabo endaweni yokwenza izenzo ezingekho mthethweni.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-23 ukuhlola lo mbuzo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa ebonisa ukuba iimpazamo ezenziwe ngabalinganiswa kule drama zibeneziqhamo ezibi.

- UMamQhinebe wenza impazamo ngokuvuma ukuba sisixhobo sikaMagrazula sokuba iintsana ngokuthumela uDlezinye kuba azokumlukuhlela lo msebenzi nto leyo emenze aphele ebanjwa ebalihlazo nasemntwaneni wakhe onguSiqhiwu.
- UMaGatyeni wenza impazamo ngokuzifaka kumgibe wokuba iintsana xa efuna ukuzikhupha ekuxwaxweni nguMamQhinebe efuna izinto amnkinkqise zona. Loo nto imenze akakwazi ukuzithathela izigqibo malunga nokuba iintsana.
- Umnqweno wokuba nezindlu zaseNorth Crest uba yimpazamo kuba bangena kumgibe wokuba iintsana ngeenzame zokuzalisekisa umnqweno wabo.
- UMamQhinebe noMaGatyeni benza impazamo yokunikezela ukuba ngoomama bomthandazo kuba besithi akukho nto bayizuzayo ngokuthandaza akukho tshintsho balubonayo kwintlupheko yabo kanti isiphumo soko iza kuba kukuvuma ukuyokuqiniswa lixhwele uMagrazula.
- Ukuchewulwa yimali abayibhatelweyo nguMagrazula ngosana lukaNoziphongo abalubileyo kubenza bagqebhe uNomakula ngehamile kuba esala ukubanika usana lula kube nesiqhamo sokuba usana lukhale lungayeki lwaba luphawu lokuphawuleka emapoliseni.
- Uthi uSiqhiwu xa efunda iphephandaba elimalunga nokubiwa kweentsana aze uMamQhinebe enze impazamo yokumhewula okomshologu kanti noSiphokazi naye uyaheshwa nguMaGatyeni xa ethetha ngokubiwa kweentsana isiphumo kukuba banyoshoze ziintloni bakubanjwa.
- Ukunyoluka kube yimpazamo kaMaqhikizane ngokufuna ukunyobisa uSiqhiwu isiphumo ibe kukuqashwa kwabantwana abapase emva koSiqhiwu.
- UMaqhikizane uphinda enze impazamo ngokungafuni ukumnyobisa uSiphokazi kanti uhamba noSiqhiwu atsho uSiqhiwu ayiqaphele le nto aze aqulunqe iyelenqe lokumbhabhisa uMaqhikizane esebenzisa uSiphokazi. UMaqhikizane uyabanjwa ngenxa yokophula umthetho.
- Uphinda enze impazamo yokuthatha imali esetyenziswe njengomnatha wokumbambisa atsho abanjwe kuba le mali ibe bubungqina bokunyobisa.
- USiphokazi naye wenze impazamo ngokuchewulwa yimali kaMaqhikizane batsho ubuhlobo bakhe noSiqhiwu bahexa esoyika nakukuphela kobuhlobo bakhe noSirhezu. **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INDLAL'INAMANYALA – M Lamati**

17.1 Sesokuba uMaqhikizane uzenza umntu obancedayo abantwana kanti iinjongo zakhe kukubabulalela ikamva. √√
(Mabuvele ubungcuka bakhe) (2)

17.2 (*Aphume*)√ (1)

17.3 Intetho ethi, 'ubokuthemba ilitye' isetyenziswa xa kukho umntu owenze isenzo esibonakalisa ukungathembakali.√ Ngokwakule drama uSiphokazi akathembakali akutshintsha ingqondo athi ebehamba noSiqhiwu ngenjongo zokubhabhisa uMaqhikizane√ abonwe sele ekhala ngo*Daddy* ukubonisa ukuba akasatshayi ngaloo nqawa.√ (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.4 Yintlekele-siyoliso√ kuba idrama eyintlekele-siyoliso ibonakala ngokuthi kube kubi ekuqaleni kwencwadi size isiphelo sibe sihle, √ nakuledrama bekukubi kooSiqhiwu bengafumani msebenzi baze baphela bewufumana umsebenzi akubanjwa uMaqhikizane.√ (3)

17.5 Kukutyhila imbilini yakhe.√ (1)

17.6 Kukubanjwa nokugwetywa kukaMaqhikizane.√√ (2)

17.7 Libenefuthe elibi iphephandaba kuba lithe lakuphalaza iindaba zokubiwa kosana wanomsindo uMamQhinebe oko kwathetha ukuba livuselele isazela sakhe yena uba iintsana. √√ (2)

17.8 USiqhiwu akakwamkeli ukunyoba kanti uMamQhinebe akaboni siphene xa umntu enyoba kuba esenza icebo lokuzikhupha endlaleni. √√ (2)

17.9 Mhla uSiqhiwu anqanda uSiphokazi angathandani noMaqhikizane.√/Mhla uMamQhinebe alukuhla uMaGatyeni ukuba babe iintsana.√/ Mhla uSiphokazi ethatha icebo likaSiqhiwu lokubambisa uMaqhikizane.√/ Mhla babesiwa etshajofisi uMaGatyeni uwathetha ngokwakhe. √ (3)

17.10 Iyiqhubele ngokuthi abalinganiswa abalambayo baxhatshazwe ngaba bahluthayo ze naba balambayo baziphindezele ngokusebenzisa umthetho.√√ (2)

17.11 Ndiyangqina ukuba umyalezo othi ulwaphulomthetho alusosisombululo awujoliswanga kwisini esithile kuba izaphulimthetho ezingabantu bezini ezahlukileyo zingene ezingxakini zakwaphula umthetho xa bezizama ukusombulula iingxaki yendlala nokunyoluka, baze abathe benazo iingxaki abawaphula umthetho bavuzwa.√√ (2)

17.12 Ndingacebisa ukuba basebenzise iindlela ezisemthethweni rhoqo xa befuna ukuzikhupha endlaleni kuba xa besebenzisa iindlela ezingekhomthethweni bakuxelisa ooMaGatyeni nooMaQhikizane baphelele ejele.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE**

**ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | **5-6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixonxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo** | **Esemagqabini neqaqambileyo** | **Eyanelisayo nefanelekileyo** | **Eyinxalenye** | **Engaphumelelanga** |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:** Umahluko phakathi kwenqaku lomxholo nelesakhiwo nolwimi mawungawadluli amanqwanqwa amabini.
Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.